

Ukukhululeka Ukuba Uphumle



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki: *Marko 2:1–12, 1 Kumkani 18, 1 Kumkani 19:1–8, Mat. 5:1–3, Isa. 53:4–6, 2 Kumkani 2:11.*

Indima Yenkumbulo: “NguYehova umkhanyiseli wam, ndiya koyika bani na? NguYehova inqaba yobomi bam, ndiya kunkwantya ngabani na?” (*INd. 27:1*).

A bantu abaninzi kwabahlangana noYesu kulungiselelo lwaKhe lwasemhlabeni babegula, maxa wambi begulela ukufa. Babuthelana kuYesu befuna ukuphiliswa nokuphumla kwizigulo neembulaleko zabo. Babekholisa ukukufumana oko nako.

Ngamanye amaxesha wayethetha nje ilizwi, baphile ngokupheleleyo. Ngamanye wayebachukumisa abagulayo, kuthi ngommangaliso, baphile. Maxa wambi wayesithi mabahambe, kuze ukuphila kwenzeke ngexesha besimka. UYesu waphilisa amadoda, abafazi, abantwana, amaYuda, abangengawo amaYuda, izityebi namahlwempu, nabantu abalulamileyo. Ezona meko zazimbi kakhulu zeqhenqa nobumfama wayengenayo ingxaki yokuzifikelela. Ngokwenene, wabaphilisa nabo banesona “sifo” esibi kuzo zonke—ukufa.

Kule veki, siqwalasela kwimizekelo emibini eyahlukene kakhulu yokuphilisa. Komnye, ogulayo wayegula engakwazi nokuzizela kuYesu. Iimpawu zakhe zazibonakala ngokucacileyo kumntu wonke. Kwenye imeko, kwakungekho zimpawu zibonakalayo. Kuzo zombini ezi meko, ukuphila kwafika ngelikaThixo ixesha nendlela.

Xa sihlola umba wokuphumla kwintlungu nokubulaleka, siya kukwazi ukwetyisa umbuzo esithi sonke, nokuba kunini okanye kuphi kuhambo lwethu lobuKristu, sibe nawo. Kuye kwenzeke ntoni xa ingaphendulwanga imithandazo yethu yokuphiliswa?

Sikufumana njani ukuphumla?

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha ka-Agasti 21.*

Ukuphumla Okuphilisayo

Ukuba lakha lakho ixesha esidinga ngalo ukuphumla, kuxa sigula. Sidinga ukuphumla komzimba ukuze imizimba yethu ikwazi ukuhlangana nomkhosi wokulwa nokungena kwentsholongwane.

Ukongeza apho, siyakudinga nako ukuphumla kwengqondo. Maxa wambi kubakho into nje eyothusa ukuphila njengengqele okanye intloko enkqenqezayo [migraine]. Silala phantsi sizame ukungacingi nto ngako konke ebesimele ukuba siyakwenza kodwa esingakwaziyo ukukwenza.

Ngamanye amaxesha, xa iyinto ehlasela ngamandla ukuphila, singqengqa sikhathazake ngeziphumo zokuhlolwa ngoogqirha novavanyo. Silandela ngokukhathazeka kukuba bekusuke kwathini. Ingaba la ndlela yokuziphatha ingenampilo isifumene na? ingaba ziziyobisi esazisebenzisa kuma-20 eminyaka eyadlulayo? Ingaba bubunzima ebesisoloko sikubo kwiminyaka embalwa edlulileyo? Ingaba uThixo uyasohlwaya ngenxa yesono sasemfihlakalweni ekungekho bani wazi nto ngaso?

Funda: Marko 2:1–4. Kwakusenzeka ntoni apha?

Kumlwelve okweli bali, yayiyimeko ecacileyo. Ku-*Ulangazelelo Lwamaphakade* (amaph. 267–271), sifumana okwenzeka ngaphambili. Umlwelve wenza izinto awayengenako ukuzidla kakhulu ngazo. Ubomi bakhe besono bamenza esi sifo, zaye iingcaphephe zasemoyeni zitsala umgca osuka kwisenzo uye kwisiphumo. Wazisisela esi sifo ngezono zakhe, laye lingekho ichiza.

Le ngqondo iqhelekile kakhulu. Sikholisa ukuzixakekisa *ngalowo wenza oko*. Ukuba kube kukho ubugebenga obenziwayo, makubekho ohlawulayo ngabo. Ukuba kubekho ingozi kwenye indawo, makubekho obanjwayo. Kona ukubeka ityala akunyangi nto okanye akumphilisi lowo ugulayo.

Ulungiselelo lukaThixo lwasekuqalekeni lwalungaque ntlungu, sifo, nakubulaleka. Ukugula kuze kulo mhlaba kuphela ngokungena kwesono. Yiyo le nto uThixo esinika izikhokelo zempilo—ukuze sonwabele ubomi obunexabiso ngoku. Phofu ke, lonke ixesha sisekulo mhlaba, akusayi kubakho kuqiniseka ngempilo, akukhathali nokuba singakukhuthalela kangakanani ukulandela imithetho-siseko yempilo.

Iindaba ezimnandi zezokuba uThixo unako ukusinika ukuphumla nokuba siyagula okanye sisempilweni; nokuba ukugula kwethu kuisiphumo sokwenza kwethu okanye sokungakhathali komnye, okanye imfuzo, okanye isiqhamo sokuphila kulo mhlaba unesono. UThixo uyayazi indlela yokusinika ukuphumla.

Xa ubani egula, akulunganga ukuqala ukubeka ityala. Ngelo xesha linye, kutheni le nto ukumqonda unobangela ukuba uyintoni, kwezinye iimeko, kulinyathelo elibalulekileyo ngasekuphiliseni okanye ekubuyiseleni impilo?

Ukunyanga Ingcambu

Umlwelwe wahliselwa phambi kukaYesu, aye onke amehlo ekuYesu. Ingaba wayeza kukhetha ukumphilisa umoni ocacileyo ? ingaba uya kuthetha ilizwi lokukhalimela isigulo?

UYesu waqhubeka njani nokuwuphilisa umlwelwe? Yintoni eyokuqala awawenzela yona uYesu? Funda: Marko 2:5–12.

Ngenxa yokuba asiye sisiqaphele isifo side siphawule iimpawu, siyathanda ukucinga ngesifo njengeempawu. Sicinga ukuba ukususa iimpawu kukuphilisa. UYesu usivela isifo ngokwahlukileyo. Uyayazi ingcambu yako konke ukugula nesifo kwaye efuna ukunyanga oku kuqala.

Kwimeko yomlwele, endaweni yokuthi kwangoko anyange iimpawu ezibonakalayo zesifo sakhe, uYesu uya ngqo kwingcambu yale nto imhlupha kakhulu. Umlwelwe uva ubunzima betyala nokwahlukana noThixo kakhulu kunokuba esiva isifo. Umntu ophumle kuThixo uyakwazi ukusinyamezela nasiphi isigulo somzimba esimhlayo kweli lizwe ligula sisono. Ngoko ke, uYesu uya ngqo kwingcambu anike uxolelo kuqala.

Iinkokeli zenkolo zothuka xa zisiva uYesu evakalisa uxolelo. Ukuphendula kwizityholo zazo ezingazithethiyo, uYesu waphosa umbuzo.

Funda: Marko 2:8, 9. Ngumngeni othini uYesu awuphosayo apha kubabhali? Ngokwenene, Uphethe umba othini apha?

Ukuthetha kona kulula, kodwa akunjalo xa kuthetha uThixo. Ngelizwi elinamandla likaThixo, zonke izinto zabakho (*Genesis 1*). Nangona ukuxolelwa kungeyonto sinokuyibona, kunexabiso. Ukuxolelwa kudla ubomi boNyana kaThixo emnqamlezweni. Yonke enye into iyalandela. Ukubonisa igunya nobunyaniso bokuxolela, uYesu usuka akhethe ukuwuphilisa umlwelwe.

UThixo ufuna ukusinyanga ngaphakathi kuqala. Emva koko, maxa wambi ukhetha ukusinika impiliso yasemzimbeni kwangoko, njengoko wenzayo kumlwelwe, okanye maxa wambi siya kufuneka silindele intsasa yovuko ukuze sizuze impiliso yomzimba. Nangayiphi indlela, uMsindisi wethu ufuna ukuba sikwazi ukuphumla kwisiqinisekiso sothando nobabalo lwaKhe nangoku, naphakathi kokubulaleka kwethu.

Singakufumana njani ukuphumla noxolo, naxa imithandazo yethu yokuphiliswa ingaphendulwanga, okwangoku?

Ukubaleka Umke [Ukubalekela Kude]

Ngokwenkcukacha zamanani eWorld Health Organization (WHO), esona sigulo sikhaphakileyo kumhlaba wonke, nesichukumisa ngaphezu kwezigidi ezingamakhulu amathathu zabantu minyaka le, asinazo iimpawu ezicacileyo nezibonakalayo. Uxinzelelo ngunobangela ophambili wokugula emhlabeni wonke kwaye kunelona galelo likhulu kumthwalo wesifo kumhlaba wonke.

Ngelishwa, akuye kuthethwe ngoxinzelelo ebuKristwini kuba oko kunokubonakala njengophawu lokuswela ukholo. Ngapha koko, ebengamele amaKristu ukusoloko ezaliswe luvuyo nokonwaba nako konke okunjalo? Ngoko ke, uxinzelelo ayilulo na uphawu lokuba kukho okungalunganga nolwalamano lwethu noThixo?

Abantu abaninzi bayazi ukuba oku akuyiyo inyaniso. NamaKristu, amaKristu athembekileyo, ayakwazi ukuthi ngamanye amaxesha alwe noxinzelelo, ngakumbi emva kwesiganeko esibuhlungu, kwaye asilulo uphawu lokuswela ukholo okanye ukuthembela kuThixo. Kwakhona, umntu unokufunda kwiNdumiso ayibone intlungu, ukubulaleka nezingqala abagula zizo abantu bakaThixo abathembekileyo.

Ngamanye amaxesha uxinzelelo luthi ngokucotha nangokuzola lusibambe, size siluqonde xa selikuqinisa ukubamba kwalo. Maxa wambi lusibetha ngokukhawuleza, emva kwesiganeko esihlasele ngendlela eyodwa imizwa okanye umzimba. Umzekelo, umprofeti kaThixo othembekileyo, uEliya, wayethezeke kwaphela, imizwa nasemzimbeni, emva kwesiganeko sentaba yeKarmele.

Ku-1 Kumkani 18, uEliya usanda ukubona ummangaliso kaThixo womlilo usihla uvela ezulwini. Ekuphendulweni komthandazo wakhe, uyibonile imvula isiza, kuphela iminyaka emithathu yembalela. Yintoni ngoku eyenza ukuba uEliya enze ngolu hlobo lokubaleka akothuswa zizoyikiso zikaJezebhe? Funda: 1 Kumkani 19:1–5.

UEliya ube namashumi amabini anesine eeyure ezinzima kakhulu. La mava, ehlangene nobukrwada nezoyikiso zokufa, zachukumisa uxinzelelo kuEliya.

Kanti ke, uEliya wayekho xa abaprofeti bakaBhahali, kwisithuba sama-850, babebulawa, mhlawumbi abanye babo bebulawa ngesakhe isandla (*1 Kumkani 18:40*). Isiganeko esinjalo, sesingumsebenzi wokulungileyo, sinako ukukhokelela kuxinzelelo olukhulu kwabo balindele, hlawumbi, okulungileyo okanye nokubi ukuba kwenzeka.

Ngoko ke, uEliya waqala ukubaleka, ukuzama ukumka. Ngamanye amaxesha sibalekela kwisikhenkcezisi sizame ukuba sitye kangangoko sizama ukonwaba kwakhona. Maxa wambi sizama ukulala kuze kuphele ukudinwa kwemizwa. Maxa wambi sikhangelwa ulwalamano olutsha, umsebenzi, okanye indawo ekuzameni kwethu ukubaleka. Kuyenzeka ukuba ngamanye amaxesha sizingwabe emsebenzini omninzi, simise imida yexesha, neentlanganiso, kuba sizama nzima ukubaleka kwinto engenagama efunxa lonke uvuyo nokuphumla kwethu. Phofu ke, abantu abaninzi basebenzisa “ukuzinyanga ngamayeza” athile nanjani konke ikukuzama ukuthomalalisa intlungu. Ekuqibeleni, phofu, ezi zinto zifihla nje iimpawu; aziyisombululi ingxaki, zaye zikholisa ukuyenza ibembi kakhulu.

Wadinwa Kakhulu Akakwazi Ukubaleka

UEliya udinwe kakhulu ukuba angakwazi ukudlulisa apho. Lo mthandazo wahluke kakhulu kumthandazo wokholo awawuphendulayo uThixo eNtabeni yeKarmele (*1 Kumkani 18:36, 37*) phambi kwababingeleli nabaprofeti bakaBahali, kwamalungu enkundla, nabantu. Lo ngumthandazo olula, omfutshane wokuncama [*okanye wethemba lokugqibela*].

Ku-1 Kumkani 19:4, uEliya uthi yena akalungile ukudlula ooyise mkhlu. Wayethetha ngantoni?

Ekugqibeleni, wathi akuzinza uEliya, lafika lingxamile phezu kwakhe ityala lakhe. Waqonda ukuba ukumka ngokungxama kuphazamise okwakuya kubalithuba elihle lokuhlaziya uIsrayeli. Waqonda ukuba ubaphoxile aba babemdinga. Ngoku wayengenawo amandla okuyilungisa loo nto. Ngenxa yoko, ngomzuzu obuhlungu wokuzibhenca, eyazi ngokupheleleyo imbali yabantu bakhe, uzibona kakuhle ukuba unjani.

Esi sinokuba sisityhilelo esibuhlungu kuthi sonke ngabanye, akunjalo—ukuba sizibona ukuba siyintoni njengoko sinjalo? Simele ukuba sibe nombulelo ngesithembiso sokuba, ubomi bethu buzele sisono bunjalo, xa sikuKristu uThixo usibona ngohlobo abona ngalo uYesu. Leliphi ithemba elingaphezu kwelo esinokuba nalo, ngokholo, ekuthi ngalo sibe nako ukuzibanga ubulungisa bukaKristu? (*Bona: Filipu 3:9.*)

Sekunjalo konke oko, ukudakumba kunendlela yokusitsalela kwichibi elimnyama lokuba sizithiye. Maxa wambi siye siqale ngokucinga ukuba ukufa yeyona ndlela yokuphuma kuyo yonke into.

Ingathi yayile meko kanye kuEliya. Kwakungaphezu kwamandla kuye. Uthi, “Kwanele ngoku, Yehova; wuthabathe umphefumlo wam, ngokuba ndingalungile ngaphezu koobawo!” (*1 Kumkani 19:4*).

Iindaba ezimnandi zezokuba uGqirha omkhulu akamgwebi uEliya. UThixo wazi ngcono kunathi oko sijongene nako xa sisilwa noxinzelelo.

“Sisenokungabi nabo ubungqina obucacileyo ngelo xesha bokuba ubuso boMhlanguli wethu buthobe phezu kwethu ngovelwano nothando, kodwa oko kunjalo. Sinokungakuva ukuchukumisa kwaKhe okubonakalayo, kanti isandla saKhe sothando nenceba siphezu kwethu.”—Ellen G. White, *Amanyathelo okuya KuKristu*, iph. 97.

UThixo uyalwazwi kwaye eluqonda ukuba “uhambo lukhulu” (*1 Kumkani 19:7*) kuthi, kodwa, ngamanye amaxesha kufuneka alinde side siyeke ukubaleka. Uthi angenelele ke emva koko.

Maxa wambi abantu abatshonayo baye badideke kangangokuba balwe nabo bangabakhuseli. Umkhuseli kufuneka abuye umva alinde ekwenzeni umsebenzi wohlangu lide ixhoba licace ukuba alikho ezingqondweni.

Ngawaphi amathemba nentuthuzelo ozifumana kwezi ndima zilandelayo:
Ind. 34:18, Mat. 5:1–3, Ind. 73:26, Isa. 53:4–6?

Uphumlo Nangaphezulu

UTHixo uyazi ukuba konke ukubaleka kumenze uEliya wadinwa. UThixo uyazi ukuba ngaphezu kokudinwa kwasemzimbeni, uEliya udinwe ngemizwa kwaye uthwele umthwalo ongaphaya wetyala. KwanjengoYesu wayeza kwenza kumlwelwe kwiminyaka emininzi kakhulu elandelayo, uThixo uyasisula isileyiti amlungiselele ukuphumla uEliya. Ekugqibeleni, angalala ngokwenene, ahlaziyeke.

Besinokulindela ukuba oku kube sisiphelo sebali, kodwa akusiso. Ukuphumla kukaThixo akusiso isiganeko sexesha elinye. Ukungena ekuphumleni kukaThixo kunento yokwenza nempiliso—nokufunda ngokucothayo iindlela zokucinga ezingezizo nemikhwa eyonakalisayo. UThixo akangxami xa ephilisa.

Funda: 1 Kumkani 19:5–8. Uyaphi ngoku uEliya, kutheni?

Emva kokuphumla, uEliya uyaphinda uyabaleka. Phofu ngeli xesha uThixo ukumisa ngenye indlela ukubaleka kwakhe. UThixo uyayiqona intshiseko yokubaleka, kodwa ufuna ukukusa kwelinye icala ukubaleka kwethu. Endaweni yazo zonke iindlela zokuzitshabalalisa esizizamayo, ufuna ukuba sibalekele kuYe. ngako nje ukuba siqalise ukubalekela kuYe, ufuna ukusifundisa ukuphulaphula “ulwandile lokuphephezela okuhle” (1 Kumkani 19:12) olusinika ukuphumla.

UEliya wayengenawo namandla okuziphakamisa athabathe uhambo lokuhlangana noThixo. UThixo umnika amandla entlanganiso, aze amthembise ngekusasa elihle.

Njengoko uEliya wayengqengqe phantsi konwele enga angafa, wayekholelwa ukuba eyona mihla ilungileyo kuye yayiphelile.

Funda: 1 Kumkani 19:15, 16 no-2 Kumkani 2:11. Wayesalindelwe yintoni uEliya?

UTHixo wayesazi ukuba kulele phambi kukaEliya imihla engcono kakhulu. Impiliso yayiza kuza kumprofethi njengoko wayeza kufunda ukubulungisa ubomi bakhe ngokubetha kwezingqi zikaThixo nokwamkela ukuphumla kwaKhe. Kwakusekho ukumkani ekufuneka ethanjisiwe, noza kuba ngumlandeli wakhe ekufuneka ekhethiwe. UThixo wayesele esazi ngoElisha, owayeza kusondela kuEliya njengonyana. UThixo wayesazi ukuba ngokholo uEliya wayeza kuphinda athobe umlilo ovela ezulwini (2 Kumkani 1:10). KuEliya, kwakungayi kubakho ukufa kokuphelelwa lithemba phantsi komthi kodwa kobakho ukukhwela inqwelo yomlilo ukuya kuphumla ezulwini.

Yintoni esinokuyifunda kweli bali likaEliya ngokuba kutheni le nto nokuba siva kakubi kangakanani, ngamandla kaThixo, kufuneka sizame ukuba singanikezeli?

Ingamango Eyongeziweyo: “Ngokuguquka okuhlala kusenzeka kwiimeko, ukuguquka kubakho nakwawethu amava; kuthi ke, ngezi nguquko, mhlawumbi siphakanyiswe okanye sidaniswe. Sekunjalo, ukuguquka kweemeko akunawo amandla okuguqula ukwalamana kukaThixo nathi. Uhleli enguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade; kwaye uthi masibe nokumthamba okungenayo intandabuzo kuthando lwaKhe.”—Ellen G. White, *In Heavenly Places*, iph. 120.

“Hlala ukhangele kuYesu, unyusa imithandazo ethe cwaka ngokholo, ubambelela kumandla waKhe, nokuba unemvakalelo ebonakalayo okanye engabonakaliyo. Bheka phambili ngokungathi yonke imithandazo yakho oyenzileyo yabekwa kwitroni kaThixo yaza yaphendulwa nguLowo ozithembiso zaKhe zingasayi kuze zisilele. Qhubeka, uhamba uvuma usenza intsholo emnandi kuThixo entliziyweni yakho, naxa umoya usezantsi ngenxa yobunzima nosizi. Ndikuxelela njengowaziyo, ukukhanya kuza kuza, uvuyo luza kuba lolwethu, zaye iinkungu namafu aza kubuya umva. Siza kudlula kwigunya lengcinezelo yethunzi nobumnyama singene kokucacileyo kona ukukhanya kobukho baKhe.”—Ellen G. White, *Selected Messages*, book 2, amaph. 242, 243.

Imibuzo Yokuxoxwa:

- ① Kukholisa ukuba nzima kakhulu ukunceda umntu obulawa kukuphazamiseka kwengqondo okanye luxinzelelo. Cebo lini elilungileyo elinokufundwa libandla lenu ngendlela yokulungiselela ngempumelelo kwabo bachukunyiswe luxinzelelo?
- ② Sikholisa ukuba sibe phandle sinyaniseke phambi kukaThixo. Gqogqisa kwezinye iiNdumiso ubone indlela ababaphandle banyaniseka ngayo ababhali beBhayibhile phambi kukaThixo. Singenza njani ukuwukhuthaza umoya wokuba phandle nokunyaniseka kwibandla lethu esikulo?
- ③ Umthandazo ukholisa ukuba nzima xa sijongene noxinzelelo. Xoxani ngamandla omthandazo onokwenzelwa abo bangakwaziyo ukuzithandazela.
- ④ Kutheni le nto kubaluleke kakhulu ukukhumbula ukuba ukholo aluyiyo imvakalelo? Ngenxa yokuba sinoxinzelelo, sityafile, sinoloyiko, sikhathazekile oko akuthethi ukuba asinalo ukholo okanye ukumthamba uThixo. Kuthetha kuphela ukuba, okomzuzwana, sinoxinzelelo, sinoloyiko, sikhathazekile, njengokuba sonke, siye sibe njalo ngamaxsha athile. Singakufunda njani ukuba, ngamaxsha afana nala, ukuzolulela [kuThixo] ngokholo kubaluleke kakhulu, nokuba kubonakala kunzima kangakanani?
- ⑤ Lithini ithemba elikhulu onokulifumana kwibali lomlwelwe, ngakumbi xa ubomi besono buye bazisa isifo phezu kwakho?